



---

Usuku lwama Lungelo oLuntu eMzantsi Afrika  
lubhiyozelwa ngomhla wama-21 kweyo Kwindla  
rhoqo ngonyaka.


Le ncwadi ingembali nokubaluleka kwale holide.



Ngexesha localucalulo, abantu abamnyama eMzantsi Afrika babecinezekile.

Abantu babesilwa nocalucalulo nemithetho yalo eyayingalunganga. Babesilwela inkululeko kwanamalungelo alinganayo.


Ngomhla wama21 kweyoKwindla minyaka yonke, ilizwe liye likhumbule amaqhawe enkululeko.



Ngonyaka we1960 ngomhla wama21 kweyoKwindla, abantu baseSharpville nakwaLanga bamatsha.

Babeqhankqalazela imithetho eyayinomkhethe yorhulumente wocalucalulo. Babematshela umthetho we'Dompasi'.


"Amandla! Ngawethu! Amandla ebantwini!" Bakhwaza abamatshi.



ESharpville, babecula kwaye bematsha ngoxolo besingise esikhululweni samapolisa.

Athi akubona isiqhu sabantu amapolisa, ahlasela abamatshi.

abantu babaleka, abanye benzakala. Abanye basweleka.



Umhla wama 21 waqala wakhunjulwa njengosuku  
lwase Sharppville.

Lo mhla wenziwa iholide emva konyulo lwedemokhrasi  
ngonyaka we 1994. Ngale mini ilizwe liye likhumbule abantu  
abalwela inkululeko. Yindlela yokubabulela le.



UMzantsi Afrika unoMgaqosiseko wedemokhrasi.

abantu abawubhalayo lo Mgaqosiseko mtsha babefuna  
kuhlonitshwe amalungelo abo bonke abantu.

UMgaqosiseko waseMzantsi Afrika, ucwangcisa amalungelo  
nemisebenzi yabo bonke abahlali. Wonke umntu unelungelo  
elifanayo.



Yonke iminyaka umhla wama21 kweyoKwindla yiholide.  
Iiofisi nezikolo ziyavalwa.

Yiholide yokubhiyozela amaLungelo oLuntu. Yimini  
yokubhiyozela ukulingana kwabantu.

Abantu bayibhiyozela kwaye bayihloniphe le mini  
ngeendlela ezohlukeneoyo.



Abantwana bangayibhiyozela le mini ibalulekileyo  
ngokuthetha ngamalungelo wabo njengolutsha.

Ewe, abantwana nabo banawo amalungelo!

Amalungelo abantwana ngamalungelo akhethekileyo,  
abantu abangaphantsi kweminyaka eli18.




Bonke abantwana banamalungelo alinganayo. Uyawazi amalungelo akho?

"Ilungelo lokukhathalelwa," watsho uNtombi.

"Ilungelo lokuba negama!" wakhwaza uNtsuku.

"Ilungelo lokuhlala elizweni lam okanye nakweliphi na ilizwe," watsho uShadrack.



"Ilungelo lokukhuseleka," watsho uMelanie, ngasemva.

"Ilungelo lokufunda," watsho uArnold.

"Ilungelo lokungaviswa ubuhlungu okanye lokungaphathwa gadalala," watsho uNhlayiselo.




Lawo ngamanye amalungelo abanawo abantwana.

Sinamalungelo ukanti sinazo neemfanelo.

Sinamalungelo kwanoxanduva.

Abantwana bona banoluphi uxanduva?

“Imfanelo yokwenza imisetyenzana yasekhaya,” watsho uAnna.



"Uxanduva lokugcina umzimba nengqondo yam zisempilweni," watsho uNtsuku.

"Uxanduva lokuphatha abanye ngendlela nathi esingathanda ukuphathwa ngayo," utshilo uChumani.

"Uxanduva lokwenza konke okusemandleni am esikolweni," watsho uMiso.



"Uxanduva lokuhlonipha amalungelo abanyeabantu,"  
watsho uLerato.

Sisonke sinoxanduva lokuhlonipha amalungelo abanye  
abantu.

Bayalingana bonke abantu.

Usuku IwamaLungelo oLuntu lungenkululeko  
kwanokulingana kwethu sonke.



## —Imibuzo

1. Kutheni le nto umhla wama21 kweyoKwindla uyiholide eMzantsi Afrika?
2. Ayintoni amalungelo oluntu?
3. Nika imizekelo emithathu yamalungelo abantwana.
4. Phanda ngoMqulu wamaLungelo eMzantsi Afrika. Dwelisa uluhlu lwala malungelo.



## —Iincwadi ezikolu luhlu

- USuku loLutsha
- USuku looMama
- USuku loXolelwaniso
- USuku IwaBasebenzi
- USuku IwamaLungelo oLuntu
- USuku IweNkululeko
- USuku IwezaMafa



---

Le ncwadi iyilwe yaze yabhalwa ngeXitsonga  
njengenxalenye yeprojekthi yezixhobo zokufunda  
yeZenex Ulwazi Lwethu ka-2020.